# Sicope Emasebeni Emiti Njengentaka ! !

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

Hawulele ! Watsho okade elele
Wabuya wavuka
Hawulele ! Yatsho intaka yendada
Zomzantsi Afrika.

Sicope emasebeni emiti njengentaka
Zitsha nganina indlu zama Afrika
Neqaqa liyagquma kowalo umngxuma
Abe u Ntu engenandawo yakuhlala.

Taru ! Afrika ngqele ese Lundini
Ntsimbi ehlokoma ukuza kokusa
Lipina ikaya ? Sizi nxekenxeke
Awu ! Zwe latsha lingatshiswa Mdali.

Gqob' empandeni mdaka ongena sepa
Sicope emasebeni njengentaka
Lempucuko yasihluta namakaya
Isibhinqisa kupela ngelitye lemb'ola.

Panda pantsi uxele amahlungulu
Intsikelelo zakushiy' elubala
Washiywa bubuzwe washiywa yimfuyo
Sewunje ngenkumbi isele kwezinye.

Yiya kuxhentsa intlombe kwa Kaya-
[kulu Rustenburg
Kub' Intombi azisagidi ngalubambo
Sezikaba nje kupela onomtantsi
Zemka inkomo no tixo basemzini.

Sizakuya kuxhentsa kwa Kayakulu
Sib'ob'oze namaselwa ngemilomo
Zibi ! Akufuleli ngashumi lazitungu
Ungafulela ngesihlanu kwanele.

Taru ! Afrika kasi elihambayo
Mazi elila etunzini lentaba
Bafabantu bako lemkizwe nezizwe
Ngawunxakame ngelidala netole.

Upina Afrika ? Ngqele ese Lundini
Fudo olumdaka olubetwa lungafi
Sikala ngakona—sijinga eweni
Ngawuvuse inimba yakuma kowenu.

Amanzi etu siwasela ngemali
Nenkuni zetu siza ngexabiso
Vumisani nabe sezulwini
Sabafa kudala nabafa kutsha.

Buya ! Ngawupindele kwasesikweni
Hleze nezibeto zifise usapo
Hlaziya imihla njengokwamandulo
Ulale ngasonye ugade ngelinye.

Umanyano nje kupela lungamandla
Ma' wamanene ondliwe ngamanene
Kunini kodwa sigawula 'siteta
Sesingati satwasela ezingeni.

Watsho ondzipo zimnyama kupand'
[uhlanga.
Kawuve !